# IsiXhosa Ngumdiliya Ibanga 7

## Ikota 1

| Iveki | Isihloko | Wenziwe ngempumelelo na umsebenzi? Ewe/ Hayi. Uza kwenza ntoni? |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 yesi-2** | **Ndizixabisile**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 1-11**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 1-15** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha: Ukuphulaphula ibali elifutshane<br>Umsebenzi owenziwayo: Baphulaphula utitshala ebalisa ibali. Baphulaphulela ukufumana intsingiselo. Utitshala ubanika ithuba lokuba babalise awabo amabali abanye bemamele, bethatha amanqaka malunga nombalisi. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi: Amabalana:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga noko kuqhubeka kumfanekiso okwincwadi yabo. Bafunda isicatshulwa ngokuthe cwaka, ngokukhawuleza nangokuvakalayo. Bakhangela iintsingiselo zamagama anzima. Baphendula imibuzo katitshala ukuba babalise nawabo amabali.<br>**B. Isicatshulwa esifundwayo nobuchule bokufunda:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphicotha itekisi ekwinxwadi yabo yolwimi, ukuze bamamele kutitshala ebachazela ngobuchule bokusetyenzi swa kwamanqanaba okufunda ngelixa kufundelwa ukufumana intsingiselo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala umhlathi obalisayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emva kokuba beqwalasele umzekelo womhlathi obalisayo okwincwadi yabafundi. Babhala owabo umhlathi obalisayo belandela imigaqo ebalulekileyo yokubhala abayichazelwe ngutitshala eyile; ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. Baxhotyiswa ngokubaluleka ngokuqala wenze isazobe sokucinga xa ubani eza kubhala, ukuze angalahlekwa zizimvo ezifika engqondweni, nokuze iziganeko zilandelelane kakuhle. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>**Imisetyenzana eyeziwayo:**<br>Bavela nemizekelo yabo eza kubonisa ukuba bayakukhumbula oku; Izibizo, ixesha langoku, elizayo nelalulayo, elidlulieyo, elimiyo. Utitshala unika imizekelo ebonakalayo ukuze ibhalwe ebhodini. Nabo bavela neyabo imizekelo abayikhumbulayo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga lwenza ukuba bazikhange le kumba ngamnye okhankanyiweyo kuso ukuba ingaba bawulandele na. | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Wenziwe ngempumelelo na umsebenzi? Ewe/ Hayi. Uza kwenza ntoni? |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Kumnandi esikolweni**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 12-22**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 16-29** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Ukuphulaphula nokuxoxa ngombongo.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokuthe gabalala malunga nemifanekiso bekhokelwa yimibuzo katitshala. Baphulaphula kutitshala ebafundela umbongo beqaphela ithoni, isantya afunda ngaso utitshala, nendlela asebenzisa ngayo izagwelo zolwimi xa ebonga. Bayaphulaphula ngelixa besenza eyabo imibongo.<br>**B. Ukufunda ngokuvakalayo okulungiselelweyo**<br>Baphinda baphulaphule utitshala ebafundela ngokuvakalayo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi: Isihobe: Iindlela zokufunda:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokubanzi malunga neendidi zabantu abanxulumene nokwenziwa kwemibongo. Abo ngabantu abafana neembongi zomthonyama, iimbongi ngokuthe gabalala ukuze baveze ulwazi lwabo malunga neendidi zoncwadi. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala umbongo wakhe:**<br>Imigaqo yokubhalwa kwezitanza.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala malunga nemifanekiso abayinikwe kwincwadi yabafundi. Babhala ileta yobuhlobo ebonisa uvakalelo.<br>Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izenzi, Izimelabizo, Izichazi, Imvanosiphelo, amagama emboleko, Izaci namaqhalo, iimpawu zokubhala.<br>**Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izibizo, iziphawuli, izimelabizo, izimaphambili nezimamva, izibizo ezilula nezibizo ezimbaxa. Inqanaba lokusebenzisa ngezivakalisi:<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Amaxesha ezenzi, intethongqo nengxelo-ntetho, izakhi zezivakalisi, izivumelanisi. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |

| Iveki | Isihloko | Wenziwe ngempumelelo na umsebenzi? Ewe/ Hayi. Uza kwenza ntoni? |
|---|---|---|
| | Baphendula imibuzo katitshala. Baphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, lwenza kube lula ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Imixhentso yethu**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 23-32**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 30-44** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Ukuncokola ngedrama:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula ukuncoma nokugxeka.<br>Baphulaphula utitshala ebanika inkcazelo malunga nengxoxo yababini emva koko abafundele umzekelo wengxoxo yababini.<br>Baphulaphula abafundi abachongwe ngutitshala besenza ingxoxo yababini eklasini.<br>**B. Ingxoxo yababini:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala naleyo bayinikiweyo kwincwadi yabafundi.<br>Baphulaphula abafundi abachongiweyo belinganisa ingxoxo yababini, emva koko baphendule imibuzo abayibuzwa ngutitshala malunga nenngxoxo ebebeyiphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu (engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi: Idrama (Umboniso omnye):**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda amanqaku amalunga nedrama.<br>Baveza ulwazi lwabo malunga nemiba yedrama nabebefunde ngayo kwiiklasi ezingaphambili.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo gabalala etshayelela isifundo ngesihobe.<br>Bafunda ngeempawu eziphambili zemibongo: Isakhiwo sangaphakathi nesakhiwo sangaphandle sombongo. Bafunda umbongo othi 'Ubuhlobo' beqaphela iimpawu eziphambili zombongo ebebefunde ngazo. Bagxininisa ngakumbi ulwazi lwabo ngeempawu zombongo ngokuthi bafunde umbongo okwincwadi yabo yokufunda. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | Ukubhala ingxoxo yababini, ukulinganisa umdlalo:<br>Umsebenzi owenziwayo: Kuxoxwa ngemiba emalunga nokubhalwa kwengxoxo. Babhala ingxelo malunga nokufumanisekileyo kwindlela yokubhalwa kwayo.<br>Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:** Izibizo ezimbaxa, Izenzi, Izimelabizo, Izichazi, Amaxesha ezenzi, Intsingiselo yamagam, Iimpawu zokubhala<br>**Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemiba yegrama nolwimi enyulwe kwimizekelo enikiweyo, nemizekelo avele nayo utitshala. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |

| Iveki | Isihloko | Wenziwe ngempumelelo na umsebenzi? Ewe/ Hayi. Uza kwenza ntoni? |
|---|---|---|
| | Bazivavanya ngokuphe ndula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe, ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Ngemihla yakudala**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 33-44**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 45-59** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Intsomi:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile.<br>Baphulaphula utitshala ebafundela intsomi, baze baphendule imibuzo yakhe.<br>Benza eyabo imizekelo yeentsomi kumaqelana abo.<br>**B. Ingxoxo yeqela: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bancedisana bengamaqela bekhetha isihloko abaza kusinika lowo bamonyulileyo oza kukhokhela ingxoxo yeqela. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi: Uncwadi lwemveli: Intsomi**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngeempawu eziphambili zoncwadi lwemveli nemizekelo yalo. Baphendula imibuzo emalunga nentsomi ebebeyifundelwe ngutitshala, nekwiincwadi zabo.<br>**B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bayaxoxa ngemiba ephambili okanye iimpawu eziphambili zemibongo. Bafunda umzekelo wombongo abawunikiweyo kwincwadi yabafundi beqaphela iimpawu zombongo abafunde ngazo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala isigxeko-ncomo sencwadi (Irivyu):**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemifanekiso bengamaqela baphendule nemibuzo abayinikiweyo kwincwadi yabo.<br>Baxoxa ngeendlela zokubhalwa kwerivyu, namanqanaba aphambili kubhalo lwayo. Bagxininisa kwinkqubo yokubhala le miba ilandelayo; ukucwangcisa, ukwenza idrafti, ukuhlela, ukulungisa iziphene, ukunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | Inqanaba lokusebenza ngamagama:<br>Umsebenzi owenziwayo:<br>Izininzi, izinciphiso, izandiso, izichazi, amaxeha ezenzi, imo evumayo nelandulayo, iirayi- rayi nezaci namaqhalo: Iindlela zopelo, isingxi, unobumba omkhulu, ikoma, iimpawu zocaphulo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Wenziwe ngempumelelo na umsebenzi? Ewe/ Hayi. Uza kwenza ntoni? |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Indalo ibalulekile**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 45-54**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 60-78** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Isicatshulwa esiphulaphulwa yo:**<br>Umsebenzi owenziwayo Baphulaphula utitshala ebafundela umzekelo wesicatshulwa. Babonisana ngemigaqo elandelwayo kuphulaphulwa isicatshulwa. Besebenza bengamaqela bequlunqa ezabo izicatshulwa.<br>**B. Ingxoxo yeqela**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngomfanekiso abawuboniswa ngutitshala okanye okwincwadi yabo.<br>Kuxoxwa ngemigaqo efanele ukulandelwa xa kuxoxwa. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda itekisi yoncwadi:**<br>**Amabalana:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda umzekelo webali elifutshane, emva koko baxoxe bephendula imibuzo emalunga nebalana elo.<br>**B. Isihobe:**<br>Izigaba zentetho, imifanekiso- ntekelelo, imvano-siphelo, isingqisho, imiqolo nezitanza, intsingiselo efihlakeleyo, izafobe, umxholo nomyalezo.<br>Bafunda umbongo emva koko baqaphele imiba ephambili yemibongo abafunde ngayo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukubhala isincoko esichazayo:**<br><br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngendlela eyiyo yokubhala isincoko esichazayo.<br>Babhala eyabo imizekelo yezincoko ezichazayo benyathela kumanqaku abafunde ngawo. belandela nenkqubo efanelekileyo yokubhala.<br>Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br><br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Izakhi zezibizo, izimelabizo zoqobo zokugxininisa, izihlanganisi, izivakalisi ezimbaxa, izichasi nezithetha- ntonye, ukusetyenziswa kwezichazi-magama. Iimpawu zokubhala nopelo: Iimpawu zocaphulo, isimeli- nobumba, ikholoni, isingxi, ikoma, oonobumba, ifonti njalo-njalo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Imisebenzi yokuhlola:<br>Umsebenzi woku-1:<br>I-Orali<br>Umsebenzi wesi-2: Ukubhala: Isincoko esichazayo/isincoko esibalisayo / ileta yobuhlobo / irivyu / ingxoxo yababini<br>Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo loku-1: isicatshulwa esifundwayo. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

## Ikota 2

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 neyesi-2** | **Ingomso eliqaqambileyo**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 58-65**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 79-94** | |
| | Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2) | |
| | **Ubuchule bokuphulaphula nokuthetha:**<br>**A. Isincoko esiphulaphulwayo**<br><br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafunde la isincoko. Baphulaphulela uku fumana intsingiselo. Utitshala ubanika ithuba lokuba bazame ukwenza ezabo izincoko abanye bemamele, bethatha amanqaku.<br>**B. Ukubalisa ibali. Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebalisa ibali. Baphulaphulela ukufumana intsingiselo. Utitshala ubanika ithuba lokuba bazame ukubalisa awabo amabali abanye bemame le, bethatha amanqaku, beqaphela nendima kanobalisa. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi: Itekisi yoncwadi enjengenoveli.**<br>Umsebenzi owenziwayo: Baphendula imibuzo emalunga noko kuqhubeka kumfanekiso okwincwadi yabo. Bafunda isicatshulwa ngokuthe cwaka, ngokukhawuleza nangokuvakalayo. Bakhangela iintsingiselo zamagama anzima. Baphendula imibuzo katitshala ukuba babalise nawabo amabali.<br>**B. Ukubukelela ukuqonda. Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphicotha itekisi ekwincwadi yabo yolwimi, ukuze bamamele kutitshala ebachazela ngobuchule bokusetyenziswa kwamanqanaba okufunda ngelixa kufundelwa ukufumana intsingiselo bejonge itekisi ebonwayo eyikhathuni. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala isincoko esibalisayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emva kokuba beqwalasele umzekelo wesincokoi esibalisayo okwincwadi yabafundi. Babhala esabo isincoko esibalisayo belandela imigaqo ebalulekileyo yokubhala abayichazelwe ngutitshala eyile; ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. Baxhotyiswa ngokubaluleka ngokuqala wenze isazobe sokucinga xa ubani eza kubhala, ukuze angalahlekwa zizimvo ezifika engqondweni, nokuze iziganeko zilandelelane kakuhle. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Imisetyenzana eyenziwayo: Bavela nemizekelo yabo eza kubonisa ukuba bayakukhumbula oku; Izibizo ezimbaxa, isivisa nenjongosenzi. Utitshala unika imizekelo ebonakalayo ukuze ibhalwe ebhodini. Nabo bavela neyabo imizekelo abayikhumb ulayo. Bamamela kutitshala abanika ulwazi olungaphezulu malunga nesi sifundo sale veki. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga lwenza ukuba bazikhange le kumba ngamnye okhankanyiweyo kuso ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Ushishino nokubaluleka**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 66-74**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 95-109** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Ukufundwa kweendaba zikamabonakude.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokuthe gabalala malunga nemifanekiso bekhokelwa yimibuzo katitshala. Baphulaphula kutitshala ebafundela umbongo beqaphela ithoni, isantya afunda ngaso utitshala, nendlela asebenzisa ngayo izagwelo zolwimi xa ebonga. Bayaphulaphulana ngelixa besenza eyabo imibongo.<br>**B. Ingxoxo-mpikiswano:**<br>Baphinda baphulaphule utitshala ebafundela ngokuvakalayo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufundela ukuqonda itekisi ebonwayo efana nesibhengezo.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokubanzi malunga neendidi zabantu abanxulumene nokwenziwa kwemibongo. Abo ngab antu abafana neembongi zomthonya ma, iimbongi ngokuthe gabalala uku ze baveze ulwazi lwabo malunga neendidi zoncwadi.<br>**B. Itekisi yoncwadi enjengenoveli emfutshane.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga noko kuqhubeka kumfanekiso okwincwadi yabo. Bafunda ibali lenoveli ngokuthe cwaka, ngokukhawuleza nangokuvakalayo. Bakhangela iintsingiselo zamagama anzima. Baphendula imibuzo katitshala ukuba babalise awabo amabali. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | Ukubhala itekisi emfutshane enesakhiwo esithile: Ipowusta: Imigaqo yokubhalwa kwepowusta.<br>Umsebenzi owenziwayo: Baphendula imibuzo katitshala malunga nemifanekiso abayinikwe kwincwadi yabafundi. Babhala ezabo iipowusta baze bahlolane bekhangela ezo zenziwe kakuhle, nezo zibonisa uvakalelo. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | Inqanaba lokusebenza ngamagama: Izikhombisi, izimelabizo, izifanekisozwi.<br>Imisetyenzana eyenziwayo: Izibizo, iziphawuli, izimelabizo, Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi eziquka izigaba ezingasentla. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Baphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, lwenza kube lula ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo ukuba ingaba bawulandele na. | |



Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Qwalasela imiyalelo ukuze wakheke**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 75-83**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 110-125** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Ingxoxo yeqela malunga nokulandela inkqubo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukuncoma nokugxeka.<br>Baphulaphula utitshala ebanika inkcazelo malunga nengxoxo yeqela emva koko abafundele umzekelo wengxoxo yeqela.<br>Baphulaphula abafundi abachongwe ngutitshala besenza ingxoxo eklasini.<br>**B. Ingxoxo yababini:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala naleyo bayinikiweyo kwincwadi yabafundi. Baphulaphula abafundi abachongiweyo belinganisa ingxoxo yababini, emva koko baphendule imibuzo abayibuzwa ngutitshala malunga nengxoxo ebebeyiphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda itekisi enika imiyalelo yenkqubo:**<br>**Iresiphi.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda amanqaku amalunga nedrama. Baveza ulwazi lwabo malunga nemiba yedrama nabebefunde ngayo kwiiklasi ezingaphambili.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Baphendula imibuzo gabalala etshayelela isifundo ngesihobe. Bafunda ngeempawu eziphambili zemibongo: Isakhiwo sangaphakathi nesakhiwo sangaphandle sombongo. Bafunda umbongo othi 'Ubuhlobo' beqaphela iimpawu eziphambili zombongo ebebefunde ngazo. Bagxininisa ngakumbi ulwazi lwabo ngeempawu zombongo ngokuthi bafunde umbongo okwincwadi yabo yokufunda. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | Ukubhala tekisi emfutshane enika imiyalelo.<br>Umsebenzi owenziwayo:  Kuxoxwa ngemiba emalunga nokubhalwa kwetekisi emfutshane enika imiyalelo.<br>Babhala ezabo iitekisi ezimfutshane begudla kwimigaqo abayifundisiweyo yokubhalwa kwayo.<br>Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Uhlobo lokuyalela, isikhombisi, izichazi, amaxesha ezenzi<br>**Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemiba yegrama nolwimi enyulwe kwimizekelo enikiweyo, nemizekelo avele nayo utitshala. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Bazivavanya ngokuphe ndula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe, ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Thina namalungelo ethu**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 84-90**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 126-136** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Ukulinganisa:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile.<br>Baphulaphula utitshala ebachazela ngeendlela zokulinganisa, baze baphendule imibuzo yakhe.<br>Benza eyabo imizekelo yokubonisa ukulinganisa kumaqelana abo.<br>**B. Uphando ngolinganiso:**<br>Bancedisana bengamaqela bekhetha isihloko abaza kusinika lowo bamonyulileyo oza kuqala ukwenza elakhe lokulinganisa. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi enjengomdlalo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngeempawu eziphambili zoncwadi olungumdlalo bechaza nemizekelo yezo bazikhumbulayo nabakhe badibana nazo. Baphendula imibuzo emalunga nomzekelo webalana elingumdlalo abafunde ngalo. Bakhangela izibakala abafunde ngazo kwincwadi yabo yeklasi engumdlalo.<br>**B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bayaxoxa ngemiba ephambili okanye iimpawu eziphambili zemibongo. Bafunda umzekelo wombongo abawunikiweyo kwincwadi yabafundi beqaphela iimpawu zombongo abafunde ngazo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala irivyu yencwadi yedrama:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Baxoxa ngemigaqo yokwenziwa kwerivyu, ukuze baphendule nemibuzo katitshala ezama ukuqonda ukuba uhamba kunye nabo kwaye bayaqonda na. Baxoxa ngeendlela zokubhalwa kwerivyu, namanqanaba aphambili kubhalo lwayo. Bagxininisa kwinkqubo yokubhalwa kwayo enje ngale ilandelayo; ukucwangcisa, ukwenza idrafti, ukuhlela, ukulungisa iziphene, ukunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | Inqanaba lokusebenza ngamagama:  Umsebenzi owenziwayo: Ixesha langoku, izenzi,<br>izithetha-ntonye, iimpawu zokubhala, intetho-ngqo nengxelo-ntetho. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| Iveki yesi-9 neye-10 | **Iimviwo zaphakathi enyakeni/ngoJuni**<br>Incwadi Yomfundi: Amaphepha 137-142 | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | **Ukuhlola: Ikota yesi-2 Umsebenzi woku-1:**<br>**I-Orali. Umsebenzi wesi-2:**<br>**Uvavanyo lwesi-2. Umsebenzi wesi-3: Iimviwo zaphakathi enyakeni/zikaJuni. Iphepha lesi-2: Ukusetyenziswa kolwimi noncwadi. Iphepha lesi- 3:Ukubhala Isincoko esi-1 nomhlathi wonxibelelwano o-1** | |

## Ikota 3

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 neyesi-2** | **Iinkcukacha ngathui kubomi bethu**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 99-107**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 143-157** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **Isicatshulwa esiphulaphulwayo malunga nokugcwalisa ifomu:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundela isicatshulwa esilibalana. Baphulaphulela ukufumana intsingiselo. Utitshala ubanika ithuba lokuba babalise awabo amabalana, abanye bemamele, bethatha amanqaku malunga ezibakala eziphambili.<br>**B. Ingxoxo yephaneli:**<br>Baxoxa banzi ngokwenziwa kwengxoxo yephaneli, nenani lamalungu lindelekileyo kwingxoxo yephaneli. Umzekelo wephaneli uyakhiwa ngabafundi ukuze balinganise ukwenza ingxoxo. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi efundwayo ngokubaluleka koxwebhu lwemibuzo nendlela yokulugcwalisa.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga noko kuqhubeka kumfanekiso okwincwadi yabo. Bafunda isicatshulwa esibachazela ngokwenziwa koxwebhu lwemibuzo ngokuthe cwaka, ngokukhawuleza nangokuvakalayo. Bakhangela iintsingiselo zamagama anzima. Baphendula imibuzo katitshala.<br>**B. Isicatshulwa esifundelwa ukuqonda.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphicotha itekisi ekwincwadi yabo yolwimi, ukuze bamamele kutitshala ebachazela ngobuchule bokusetyenzi swa kwamanqanaba okufunda ngelixa kufundelwa ukufumana intsingiselo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala imihlathi/iitekisi zonxibelelwano ezimfutshane: Ukugcwalisa ifomu.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emva kokuba beqwalasele umzekelo abawuboniswa ngutitshala wokugcwalisa ifomu. Babhala eyabo imizekelo ebonisa ukuba bakulandele oko bebefunda ngako. Balandela imigaqo ebalulekileyo yokubhala abayichazelwe ngutitshala eyile; ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. Baxhotyiswa ngokubaluleka ngokuqala wenze isazobe sokucinga xa ubani eza kubhala, ukuze angalahlekwa zizimvo ezifika engqondweni, nokuze iziganeko zilandelelane kakuhle. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | Inqanaba lokusebenza ngamagama:<br>Imisetyenzana eyenziwayo:<br>Bavela nemizekelo yabo eza kubonisa ulwazi lwabo loku kulandelayo; Izibizo, oomabizwafane, izichazi, izichasi, izivakalisi ezimbaxa, izithetha-ntonye. Utitshala unika imizekelo ebonakalayo ukuze ibhalwe ebhodini. Nabo bavela neyabo imizekelo abayikhumb ulayo. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga lwenza ukuba bazikhange le kumba ngamnye okhankanyiweyo kuso ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Sifo sini na esi singugawulayo?**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 108-118**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 158-170** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Incoko phakathi kwabantu ababini.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokuthe gabalala malunga nemifanekiso bekhokelwa yimibuzo katitshala. Baphulaphula kutitshala ebafundela umbongo beqaphela ithoni, isantya afunda ngaso utitshala, nendlela asebenzisa ngayo izagwelo zolwimi xa ebonga. Bayaphulaphulana ngelixa besenza eyabo imibongo.<br>**B. Iindlela ezahlukileyo zonxibelelwano ngomlomo:**<br>Ukulinganisa. Umsebenzi owenziwayo Baphinda baphulaphule utitshala ebafundela ngokuvakalayo. Nabo bayazifundela bebonakalisa ukuqonda | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Umdlalo kanomathotholo. Umsebenzi owenziwayo:** Baxoxa ngokubanzi malunga nemidlalo abakhe bayive kunomathotholo. Baveze ulwazi lwabo malunga neendidi zemidlalo, kuxoxwe ngayo.<br>**B. Isihobe:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Baphendula imibuzo gabalala etshayelela isifundo ngesihobe. Bafunda ngeempawu eziphambili zemibongo: Isakhiwo sangapha kathi nesakhiwo sangaphandle sombongo. Bafunda umbongo beqaphela iimpawu eziphambili zombongo ebebefunde ngazo.<br>Bagxininisa ngakumbi ulwazi lwabo ngeempawu zombongo ngokuthi bafunde umbongo okwincwadi yabo yokufunda. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Udliwano-ndlebe olubhaliweyo.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala malunga nemifanekiso abayinikwe kwincwadi yabafundi emalunga nokwenziwa kodliwano-ndlebe olubhaliweyo.<br>Babhala eyabo imizekelo yodliwano-ndlebe olubhaliweyo.<br>Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo:<br>Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izibizo, Izichazi **Inqanaba lokusebenza ngeziva kalisi:**<br>Izenzi, Izivakalisi ezilula, ezimbaxa, izivumelanisi– esentloko nesenjongosenzi. Izimelabizo, Izichazi, Imvano- siphelo, amagama emboleko, Izaci namaqhalo, iimpawu zokubhala.<br>Imisetyenzana eyenziwayo: Izibizo, iziphawuli, izimelabizo, izimaphambili nezimamva, izibizo ezilula nezibizo ezimbaxa.<br>**Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Amaxesha ezenzi, intetho- ngqo nengxelo-ntetho, izakhi zezivakalisi, izivumelanisi | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Baphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, lwenza kube lula ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Masibamisaneni ukuze silwe ubundlobongela**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 119-127**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 171-181** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Iindlela ezahlukileyo zonxibelelwano ngomlomo:**<br>**Ukulinganisa inkqubo yentlanganiso. Umsebenzi owenziwayo:** Baphulaphulela ukuncoma nokugxeka. Baphulaphula utitshala ebanika inkcazelo malunga nengxoxo yababini emva koko abafundele umzekelo wengxoxo yababini. Baphulaphula abafundi abachongwe ngutitshala besenza ingxoxo yababini eklasini.<br>**B. Isicatshulwa esiphulaphulwa yo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:** Baphendula imibuzo katitshala naleyo bayinikiweyo kwincwadi yabafundi. Baphulaphula abafundi abachongiweyo belinganisa ingxoxo yababini, emva koko baphendule imibuzo abayibuzwa ngutitshala malunga nenngxoxo ebebeyiphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi ngendlela yokubhala i-ajenda nemizuzu.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda amanqaku amalunga nokubhalwa kwe-ajenda nemizuzu. Baveza ulwazi lwabo malunga nemiba enxulumene nokubhalwa kwe-ajenda nemizuzu.<br>**B. Ukubukelela ukuqonda itekisi ebonwayo.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo gabalala etshayelela isifundo esimalunga netekisi ebonwayo. Bafunda ukukwazi ukwakha ibala benxulumanisa nemifanekiso abayibonayo. Benza eyabo imizekelo yeetekisi ezibonwayo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Imihlathi emide yonxibelelwano: Isaziso**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngemiba emalunga nokubhalwa kwesaziso.<br>Babhala amanqaku abawafumene kutitshala malunga nendlela yokubhalwa kwesaziso. Benza eyabo imizekelo yokubhala isaziso. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>Izimelabizo, Isimnini, Izixando zezenzi, Izibizo ezakhiwe kwizenzi, Izimelabizo, Izichazi, Amaxesha ezenzi, Iimpawu zokubhala Imisetyenzana eyenziwayo: Kuxoxwa ngemiba yegrama nolwimi enyulwe kwimizekelo enikiweyo, nemizekelo avele nayo utitshala. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe, ukuba ingaba bawulandele na. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Nathi sinako**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 128-137**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 182-195** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Ukuphulaphula nokuxoxa iindaba zanamhla. Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile. Baphulaphula utitshala ebafundela indaba, baze baphendule imibuzo yakhe. Benza eyabo imizekelo yokubalisa iindaba kumaqelana abo.<br>**B. Ukufunda ngokuvakalayo okulungiselelweyo kwinqaku lephephandaba.**<br>Umsebenzi owenziwayo: Bancedisana bengamaqela bekhetha isihloko abaza kusinika lowo bamonyulileyo oza kukhokhela xa bequlunqa ukhetho lwesihloko seendaba.<br>**C. Ukufunda ngokuvakalayo okungalungiselelwanga kwinqaku lephephandaba. Umsebenzi owenziwayo:** Utitshala ubonisa umzekelo wokuza nephephandaba ukuze akhethe inqaku eliza kufundwa ngumfundi amqubuleyo eklasini abanye bemamele. Uyabaxhobisa ngemiba ephambili xa ubani esenza ufundo ngokuvakalayo olungalungiselelwanga. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufundela ukufumana ulwazi kwinqaku lephephandaba.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngeempawu eziphambili ezidla ngokubonakala kwiindawo ezinika ulwazi kumaphepha- ndaba. Iindidi zolwazi ezifumaneka kumaphepha-ndaba zezo zinje ngamaxesha okuhamba nokufika kweenqwelo-moya kwizikhululo zazo. Baphendula imibuzo emalunga noko bebekufundile. | |
| | **B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bayaxoxa ngemiba ephambili okanye iimpawu eziphambili zemibongo. Bafunda umzekelo wombongo abawunikiweyo kwincwadi yabafundi beqaphela iimpawu zombongo abafunde ngazo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Imihlathi yonxibelelwano: Inqaku lephepha-ndaba**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemifanekiso bengamaqela baphendule nemibuzo abayinikiweyo kwincwadi yabo.<br>Baxoxa ngeendlela zokubhalwa kwenqaku lephephandaba, namanqana ba aphambili kubhalo lwalo. Bagxininisa kwinkqubo yokubhala le miba ilandelayo; ukucwangcisa, ukwenza idrafti, ukuhlela, ukulungisa iziphene, ukunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Iindidi zezibizo, izithetha- ntonye, izichasi, izichazi, iimpawu zokubhala. Babhala imisetyenzana yokukhangela ukuqonda enxulumene nezi zigaba zolwimi. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-9 neye-10** | **Umhambi uyabukwa**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 138-145**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 196-213** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Isicatshulwa esiphulaphulwa yo sokunika izalathisi.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula utitshala ebafundela umzekelo wesicatshulwa esinika izalathisi.<br>Babonisana ngemigaqo elandelwayo kuphulaphulwa isicatshulwa.<br>Besebenza bengamaqela bequlunqa ezabo izicatshulwa.<br>**B. Ingxoxo yeqela**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Kuxoxwa ngomfanekiso abawuboniswa ngutitshala okanye okwincwadi yabo. Kuxoxwa ngemigaqo efanele ukulandelwa xa kuxoxwa. Ingxoxo isenokuba malunga neendlela zokunika izalathisi. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi engumdlalo kanomathotholo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula umzekelo womdlalo kanomathotholo. Isimo sentlalo, imvelaphi, abalinganiswa, umxholo impixano, unobalisa isimbo sokubhala emva koko baxoxe bephendula imibuzo emalunga nebalana elo.<br>**B. Isihobe:**<br>Izigaba zentetho, imifanekiso-ntekelelo, imvano-siphelo, isingqisho, imiqolo nezitanza, intsingiselo efihlakeleyo, izafobe, umxholo nomyalezo.<br>Bafunda umbongo emva koko baqaphele imiba ephambili yemibongo abafunde ngayo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala isincoko esibalisayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngendlela eyiyo yokubhala isincoko esichazayo.<br>Babhala eyabo imizekelo yezincoko ezichazayo benyathela kumanqaku abafunde ngawo, belandela nenkqubo efanelekileyo yokubhala.<br>**Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo:**<br>Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Izibizo, izimelabizo zoqobo zokugxininisa, izichazi, ukwakhiwa kwezivakalisi, izibizo ezimbaxa, izichasi nezithetha-ntonye, ukusetyenziswa kwezichazi-magama, intsingiselo ecacileyo nefihlakeleyo, iimpawu zokubhala nopelo:Iimpawu zocaphulo, isimeli-nobumba, ikholoni, isingxi, ikoma, oonobumba, ifonti njalo-njalo. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Imisebenzi yokuhlola: Umsebenzi woku-1:<br>I-Orali Umsebenzi wesi-2:<br>Ukubhala: Isincoko esichazayo/isincoko esibalisayo/ileta yobuhlobo/irivyu/ ingxoxo yababini<br>Umsebenzi wesi-3: Uvavanyo loku-1: isicatshulwa esifundwayo | |

## Ikota 4

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yoku-1 neyesi-2** | **AmaXhosa namasiko**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 148-158**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 214-218** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Intetho engalungiselelwanga: Ukwazisa isithethi.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo ebonisa ulwazi lwabo gabalala malunga nokwaziswa kwesithethi. Baphulaphula utitshala ebachazela imigaqo yokwaziswa kwesithethi. Baphulaphulela ukufumana intsingiselo. Utitshala ubanika ithuba lokuba balinganise ukuba bangawenza njani na lo msebenzi. Bayaphulaphulana omnye elungisa iziphene komnye. Benza ezabo izicwangciso zokwazisa isithethi.<br>**B. Ukufunda ngokuvakalayo:**<br>Baphulaphulakutitshala ebabonisa iindlela namanqanaba okufunda ngokuvakalayo. Nabo bafunda ngabanye bebonisa ukuba balandele. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi enje ngebali elifutshane. Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo emalunga noko kuqhubeka kumfanekiso okwincwadi yabo. Bafunda ibali elifutshane ngokuthe cwaka, ngokukhawuleza nangokuvakalayo. Bakhangela iintsingiselo zamagama anzima. Baphendula imibuzo katitshala ukuba babalise nawabo amabali.<br>**B. Ukubukelela ukuqonda usebenzisa itekisi ebonwayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphicotha itekisi ekwincwadi yabo yolwimi, ukuze bamamele kutitshala ebachazela ngobuchule bokusetyenziswa kwamanqanaba okufunda itekisi ebonwayo ngelixa kufundelwa ukufumana intsingiselo. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala unika izalathisi. Umsebenzi owenziwayo:** Imigaqo enokulandelwa. Baphendula imibuzo eveza ulwazi lwabo oluthe gabalala. Baphulaphula kutitshala ebachazela imigaqo ebalulekileyo yokubhala indlela enika izalathisi. Utitshala uyabakhumbuza ukuba bangakulibali ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela ukulungisa iziphene nokunikezela. Baxhotyiswa ngokubaluleka ngokuqala wenze isazobe sokucinga xa ubani eza kubhala, ukuze angalahlekwa zizimvo ezifika engqondweni, nokuze iziganeko zilandelelane kakuhle. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | Inqanaba lokusebenza ngamagama: Ubethelelo lwezifundo zolwimi eziquka oku, izibizo ezimbaxa, izichazi, amagatya obalulo, izivakalisi ezilula nezixananazileyo, izihlomelo, izichasi, izithetha- ntonye, iimpawu zokubhala. Imisetyenzana eyenziwayo:<br>Bavela nemizekelo yabo eza kubonisa ukuba bayakukhumbula konke oko kukhankanywe ngasentla, ukuze baphendule nemisetye nzana abayinikwa ngutitshala ngelixa beqhuba nesifundo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga lwenza ukuba bazikhange le kumba ngamnye okhankanyiweyo kuso ukuba ingaba bawulandele na. | |


Shuter & Shooter PUBLISHERS (PTY) LTD

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-3 neyesi-4** | **Makube chosi kube hele**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 159-166**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 230-242** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Isicatshulwa esiphulaphu lwayo: Ufundo lweendaba zikamabonakude. Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokuthe gabalala malunga nemifanekiso bekhokelwa yimibuzo ekwincwadi yabo yolwimi nayimibuzo katitshala. Baphulaphula bejongile kumabonakude bemamele isakhono nezangotshe zolwimi ezisetyenziswa ngabo bafunda iindaba kumabonakude, isantya afunda ngaso, nendlela asebenzisa ngayo izagwelo zolwimi xa efunda. Bayaphulaphulana ngelixa besenza eyabo imizekelo yokubonakalisa ukukwazi ukufunda iindaba.<br>**B. Iindlela ezahlukileyo zonxibelelwano ngomlomo:** Ingxoxo yeqela: Kuxoxwa ngokusetyenziswa kweeflaya. Umsebenzi owenziwayo: Baphinda baphulaphule kutitshala ebachazela konke okumalunga nomsebenzi weeflaya nendlela eziluncedo ngayo koosomashishini naseluntwini. Baveza ulwazi lwabo oluthe gabalala. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Ukufunda itekisi enge-imeyile:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngokubanzi malunga nemisebenzi enceda kuyo i-imeyile. Baveza ulwazi lwabo oluthe gabalala ngoko badla ngokukuva kuthethwa.<br>**B. Uncwadi lwemveli:**<br>Intsomi, amaqhalo nezaci, namaqhina.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Banika imizekelo yeentsomi abazikhumbulayo, amaqhalo nezaci namaqhina abawakhumbulayo. Utitshala umana ebhala ebhodini yonke imizekelo.<br>Babhala begqibezele imisetyenzana equka oku, ukubonisa ukuba balandele. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Umhlathi wonxibelelwano i-imeyile:**<br>Imigaqo yokubhalwa nokusetyenzi swa kwe-imeyile.<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo katitshala malunga nemifanekiso abayinikwe kwincwadi yabafundi. Babhala i-imeyile. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama:** zenzi, Izimelabizo, Izichazi, Imvano- siphelo, amagama emboleko. Izaci namaqhalo, iimpawu zokubhala.<br>**Imisetyenzana eyenziwayo:**<br>Izibizo, iziphawuli, izimelabizo, izimaphambili nezimamva, izibizo ezilula nezibizo ezimbaxa. Inqanaba lokusebenza ngezivakalisi: Umsebenzi owenziwayo: Amaxesha ezenzi, intetho- ngqo nengxelo-ntetho, izakhi zezivakalisi, izivumelanisi. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Baphendula imibuzo yovavanyo esekupheleni kwesiqendu.<br>Ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, lwenza kube lula ukuba bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-5 neyesi-6** | **Intlonipho iqala ekhaya**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 167-174**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 243-256** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>Baphulaphulela ukuncoma nokugxeka. Baphulaphula utitshala ebanika inkcazelo malunga nesicatshulwa esiphulaphulwayo. Bazama ukwenza eyabo imizekelo yezicatshulwa eziphulaphulwayo. Baphulaphula abafundi abachongwe ngutitshala. eklasini.<br>**Intetho elungiselelweyo: Umsebenzi owenziwayo:** Baphendula imibuzo katitshala naleyo bayinikiweyo kwincwadi yabafundi. Baphulaphula abafundi abachongiweyo belinganisa intetho elungiselelweyo, emva koko baphendule imibuzo abayibuzwa ngutitshala malunga nentetho elungiselelweyo abebeyiphulaphule. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Itekisi yoncwadi eyintsomi: Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bafunda amanqaku amalunga nentsomi. Baveza ulwazi lwabo malunga nemiba yentsomi nabebefunde ngayo kwiiklasi ezingaphambili.<br>**B. Isihobe: Imibongo emiselweyo Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphendula imibuzo gabalala etshayelela isifundo ngesihobe. Bafunda ngeempawu eziphambili zemibongo: Isakhiwo sangaphakathi nesakhiwo sangaphandle sombongo. Bafunda omnye wemibongo okwincwadi yabo yokufunda beqaphela iimpawu eziphambili zombongo ebebefunde ngazo. Bagxininisa ngakumbi kulwazi lwabo ngeempawu zombongo ngokuthi bafunde umbongo okwincwadi yabo yokufunda. | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | Ukubhala: Ukuhlaziya nokulungiselela uviwo: Izincoko. Umsebenzi owenziwayo: Kuxoxwa ngemiba emalunga nokubhalwa kwezincoko. Babhala imizekelo yezincoko abakhethe ukubhala ngazo. Phambi kokubhala kugxininiswa kule miba ilandelayo: Ukucwangcisa, ukwenza uyilo, ukuhlaziya, ukuhlela, ukulungisa iziphene nokunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | Inqanaba lokusebenza ngamagama: Izibizo ezimbaxa, Izenzi, Izichazi, Izimelabizo, Amaxesha ezenzi, Intsingiselo yamagama, Iimpawu zokubhala Imisetyenzana eyenziwayo: Kuxoxwa ngemiba yegrama nolwimi enyulwe kwimizekelo enikiweyo, nemizekelo avele nayo utitshala. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Bazivavanya ngokuphe ndula imibuzo esekupheleni kwesiqendu. Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe, ukuba ingaba bawulandele na. | |

| Iveki | Isihloko | Amanqaku katishala |
|---|---|---|
| **Iveki yesi-7 neyesi-8** | **Senza uhlaziyo koko sikufundileyo**<br>**Incwadi Katitshala: Amaphepha 175-178**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 257-265** | |
| | **Ukulalela nokuthetha (Iiyure ezi-2)** | |
| | **A. Uhlaziyo nokulungiselela uviwo:**<br>Umsebenzi owenziwayo: Baphulaphulela ukufumana ulwazi oluthile. Baphulaphula utitshala ebafundela intsomi, baze baphendule imibuzo yakhe. Benza eyabo imizekelo yeentsomi kumaqelana abo.<br>**B. Isicatshulwa esiphulaphulwayo:**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baphulaphula isicatshulwa ukuze bazixhobisele ukukwazi ukuphendula imibuzo katitshala, nokuthatha ingxoxo enokulandela emva kokufundwa kwesicatshulwa eso. | |
| | **Ukufunda nokubukela (Iiyure ezi-3 nemizuzu engama-30)** | |
| | **A. Uhlaziyo nokulungiselela uviwo: Uncwadi lwemveli**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngeempawu eziphambili zoncwadi lwemveli nemizekelo yalo. Baphendula imibuzo emalunga nentsomi ebebeyifundelwe ngutitshala, nekwiincwadi zabo.<br>**B. Isihobe**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Bayaxoxa ngemiba ephambili okanye iimpawu eziphambili zemibongo. Bafunda | |
| | **Ukubhala nokunikezela (Iiyure ezi-4 nemizuzu engama-30)** | |
| | **Ukubhala: Ukuhlaziya nokulungiselela uviwo: Izincoko.**<br>**Umsebenzi owenziwayo:**<br>Baxoxa ngemifanekiso bengamaqela baphendule nemibuzo abayinikiweyo kwincwadi yabo. Baxoxa ngeendlela zokubhalwa kwezincoko, namanqanaba aphambili kubhalo lwazo. Bagxininisa kwinkqubo yokubhala le miba ilandelayo; ukucwangcisa, ukwenza idrafti, ukuhlela, ukulungisa iziphene, ukunikezela. | |
| | **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (Iiyure e-1)** | |
| | **Inqanaba lokusebenza ngamagama: Uhlaziyo nokulungiselela uviwo. Umsebenzi owenziwayo:** Izimelabizo, izibizo, izenzi, Izihlomelo, izichazi, izivakalisi ezimbaxa, nezilula, intetho- mgqo nengxelo-ntetho, izivumelanisi zentloko. Iindlela zopelo, isingxi, unobumba omkhulu, ikoma, iimpawu zocaphulo. | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Baphendula imibuzo katitshala. Bazivavanya ngokuphendula imibuzo esekupheleni kwesiqendu.<br>Bafunda ushwankathelo olukwisazobe sokucinga, bazikhangele kumba ngamnye okhankanyiweyo kwisazobe ukuba ingaba bawulandele na. | |
| **Iveki yesi-9 neyesi-10** | **Ukuhlola okusesikweni nokuhlola kwasekuph eleni konyaka**<br>**Incwadi Yomfundi: Amaphepha 266-271** | |
| | **Indlela yokuhlola** | |
| | Ukuhlola: Ikota yesi-4. Umsebenzi wesi-2<br>Uviwo lwasekupheleni konyaka.Iphepha loku-1 I-Orali. Iphepha lesi-2: Ukubhala (iyure e-1) Iphepha lesi-3:<br>Isicatshulwa, ukusetye nziswa kolwimi noncwadi (iyure ezi-2 | |

